# Intaka yamabali emangalisayo

Libali likaKerry Saadien-Raad
Imifanekiso izotywe nguNatalie loTamsin Hinrichsen
Liguqulelwe esiXhoseni nguSindiswa Mbokodi

Kudala-dala, kwakukho isidalwa esimangalisayo. Sasisaziwa njengentaka enamabali amangalisayo.

Le ntaka yamabali yayintle yaye ilumkile. Yayinde, yomelele kwaye iintsiba zayo zazikhanya zikhazimla zinamabala amahle. Yayingoyena nobalisa uphambili kwelo lizwe. Abantu babephuma kwiindawo ezikude nezikufuphi bezokuphulaphula amabali ayo kwaye bezokubukela bemangalisekile zezo ntsiba zayo zazikhazimla elangeni.

"Ntaka yamabali! Ntaka yamabali! Sibalisele ibali," babememeza abantu.

Yayisithi intaka yamabali yakubeva, ime phambi kwabo ize ithi, "Sssh. Inzwi. Sondelani. Zolani nizokuva."

Abantu babengungelana beyilandele nakweyiphi na indawo intaka yamabali eyayisiya kuyo. Amazwi ayo ayezalisa iingqondo zabo ngemifanekiso yeendawo ezikude. Intaka yamabali yayibabalisela ngezenzo zobukroti. Yayibaxelela ngezinto ababengazanga bazibona. Amabali ayo ayekwazi ukwenza nezona ntliziyo zilusizi zizive zonwabile.

Le ntaka yamabali imangalisayo yayimenyelwa kwimibhiyozo emininzi. Abantu babelinda ngomonde ide ifike. Babesithi bakulunga bamemeze bathi, "Ntaka yamabali! Ntaka yamabali! Sibalisele ibali."

Yayiphendula yenjenje, "Sssh. Inzwi. Sondelani. Zolani nizokuva."






Beka amabali phambili esikolweni sakho
Story powered schools

Ngexesha yayisencinane, amabali eyayiwabalisa intaka yamabali ayemangalisa! Abantu babehlala ubusuku nemini bephulaphule yona. Kodwa ekuhambeni kwexesha intaka yamabali emangalisayo yakhula yaba ndala yabuthathaka, nangona nje ilizwi layo lalisomelele.

Ngoku, xa abantu beyimemeza besithi, "Ntaka yamabali! Ntaka yamabali! Sibalisele ibali," yayisiza kubo icothoza.



Kodwa yayisatsho ukuthi, "Sssh. Inzwi. Sondelani. Zolani nizokuva."

Ekuhambeni kwexesha, abantu baqaphela nokuba ukuqaqamba kweentsiba zayo kwakusiya kumbatsha. Amehlo ayo akhazimlayo ayesiya efiphala. Abanye babesebeza besithi mhlawumbi iyagula.

Ngaminazana ithile abantu bahlanganisana phantsi kwemithi. Bamemeza, "Ntaka yamabali! Ntaka yamabali! Sibalisele ibali," kodwa intaka zange ivele.

Baphinda bamemeza, "Ntaka yamabali! Ntaka yamabali! Sibalisele ibali," kodwa intaka zange ivele. Abantwana babekhathazekile. Abantu abadala babesoyika.

"Kwehle ntoni kuyo? Ngaba sakuze siyive ithetha kwakhona?" babuzana.

Baqwalasela esibhakabhakeni bejonge ukuvela kwayo. Kodwa zange ivele.



Intaka yamabali emangalisayo yaziva izililo zabantu, yaqonda ukuba bakhathazekile, kodwa kwakufike ixesha lokuba igoduke.

Yathi chu kancinane, kancinane ukuya ezintabeni yada yaya kuma phambi komqolomba. Yaye iyindawo eyayisaziwa yiyo yodwa. Yaze intaka emangalisayo yamabali yangena nzulu emqolombeni ofihlakeleyo. Apho intaka yamabali yabalisa amabali ayo ngokuzolileyo. Iimini nobusuku ilizwi layo lalivakala kancinane. Izandi zamabali ayo zahlokoma ezindongeni zazalisa loo mqolomba umnyama. Ibali ngalinye lahlala kwiintlokoma, akukho nalinye elalahlekayo. Yathi yakugqiba, yangena ngokunzulu emseleni owawusemva emqolombeni apho, emva koko zange iphinde ibonwe kwakhona.



Emva kwethuba elide, ngemini eyayifudumele ibalele, inkwenkwana ekuthiwa nguSamuel yayidlala kufutshane nomlanjana. Ilanga laphakamela phezulu esibhakabhakeni njengoko uSamuel wayedlala. Kwathi xa sele kusemalanga kakhulu waziva efudumele ediniwe waza ke wafumana umthi onomthunzi apho wathi waphumla khona. USamuel wabiwa bubuthongo waza walala cum. Kwakuse kuhlwile ukuvuka kwakhe. Wayerhangqwe bubumnyama.

USamuel wayenexhala kuba wayesazi ukuba uza kungena enkathazweni akufika ekhaya. "Kungcono ndikhawuleze ndigoduke," wacinga, watsho wanduluka ebusuku njalo.

Emva kwethutyana nje uSamuel waziqonda ukuba ulahlekile ezintabeni. Wayehambe wahamba ekhanyiselwe yinyanga egcweleyo, kodwa kwacaca ukuba akade asondele ekhaya. Wayelambile kwaye enxaniwe kwaye waqala ukucinga ukuba ubona iintlobo-ntlobo zezinto ezoyikekayo kumathunzi obusuku. USamuel wathoba isantya, iinyawo zakhe zaziqaqamba watsho waqalisa ukulila.


Waza kusenjalo, phakathi kwezandi zobusuku, uSamuel weva qelele kuye amazwi amnandi, athuthuzelayo esithi makawalandele. Wawalandela la mazwi athuthuzelayo. Amkhokelela kumqolomba ofihlakeleyo wentaka yamabali. USamuel wangena ngaphakathi. Ekoneni kwakukho amanzi ayethontsiza kamnandi waza wasela amathamo amakhulu aloo manzi. USamuel wayewufumene loo mqolomba ufihlakeleyo ozele ziintlokoma ezibalisa amabali. Njengoko amabali entaka yamabali ayenzile ngaphambili, amabali akwezi ntlokoma awuzalisa umfanekiso-ngqondweni kaSamuel.



USamuel wayephelelwe ngamandla nomzimba wakhe wawudiniwe kwaye ubuhlungu, kodwa kule ndawo iyodwa waziva ezolile ethuthuzelekile. Waphumla. Wathi ngeli xesha aphumleyo waphulaphula. Amabali azalisa umfanekiso-ngqondweni wakhe kwaye wawakhumbula onke.

Xa kusithi qheke ukusa, uSamuel wasela amanzi awayethontsiza ngaphakathi komqolomba waza waphuma emqolombeni. Waza ke umoya wentaka yamabali wamkhokelela ekhaya.

Kwaba luvuyo olukhulu akufika uSamuel ekhaya. Abantu babhiyoza bakuva ngokwakwenzekile kuye.



“Hayi ubumnadi bale mini! Hayi ubumnandi bale mini! Intaka yethu yamabali isishiyele ezi zipho!” bahlokoma.

Abantu abazange baphinde bathethe ngentaka yamabali emangalisayo. Endaweni yoko yaba nguSamuel owabalisa amabali abahlala bewaphulaphula amaxesha ngamaxesha.

La mabali abhalwa phantsi ezincwadini ukuze afundwe nangubani. Iincwadi zakotshwa ukwenzela ukuba la mabali kwabelwane ngawo kuzo zonke iindawo. Ngoku ke la mabali angafundwa aviwe kwiindawo apho intaka yamabali emangalisayo yayingenakuze ifikelele. Abantu bavuya xa la mabali babeza kuhlala benawo okokoko.

Ngoko ke, phula-phula kakuhle kwixesha elizayo xa usiva ibali. Ungabona sele usiva amazwi amnandi entaka yamabali. Ngaba uyayiva ngoku?

# Yenza ibali linike umdla!

Nanga amacebo okusebenzisa ibali elikwiphepha loku-1 ukuya kwele-3 nabantwana abaseklasini yakho okanye kwiklabhu yakho yokufunda. Khetha amacebo afanele iminyaka kwanemidla yabo.

- Kwiqweqwe elikhulu lephepha, zoba umfanekiso wale ntaka imangalisayo yamabali uze, kwiqam lentetho ubhale, "Sssh. Inzwi. Sondelani. Zolani ukuze nive." Ngendlela yokwazisa ibali, babonise abantwana lo mfanekiso wakho uze ubuze, "Ningathanda ukuphulaphula ibali? Zeziphi iintlobo zamabali eniwathandayo?" Bakhuthaze abantwana babelane ngeentlobo zamabali abawathandayo.
- Babuze abantwana ukuba ngubani obafundela okanye obabalisela amabali. Babuze ukuba beva njani ngaba bantu xa bebafundela okanye bebabalisela amabali.
- Cebisa ukuba abantwana basebenzise izinto eziphinda zisetyenziswe (ezinjengeebhokisi zekhadibhodi, iziciko zeebhotile, iinkatha zephepha lasendlwini yangasese neetawuli zamaphepha) nezinye izinto (ezinjengemicu yephepha elinombala, iziziba, uboya, amaqhosha namaso) ukuzenzela ezabo iintaka ezimangalisayo zamabali.
- Khuthaza abantwana bacebise ngezilwamyana abacinga ukuba zingababalisi abamangalisayo. Uze ubayalele bazobe isilwanyana esimabalabala esimangalisayo esibalisa amabali, baze babhale: "Ibali elimangalisayo_______" (bonakalisa uhlobo lwesilwanyana) phantsi komfanekiso.
- Emva kokuba ulifundile ibali, babuze abantwana ukuba zeziphi na iintlobo zezinto abazoyikayo emnyameni. Bakhuthaze abantwana basebenze ngababini bayile iirhayimu ezimfutshane okanye imihobe abanokuyicengceleza xa beziva besoyika emnyameni. Umzekelo, "Ndibona ntoni? Ndiva ntoni? Xa kungekho nto, akukho nto mayoyikwe."

# Malunga neprojekthi yeStory Powered Schools

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda.

IStory Powered Schools liphulo eliyimvelatanci lenkqubo ezisa indlela yokuphuhlisa ilitheresi yephulo likaNal'ibali lokufundela ukuzonwabisa kwizikolo zasemaphandleni ezikwiphondo laseMpuma Koloni nelaKwaZulu-Natala. Eli phulo liqinisekiswe liSebe lezeMfundo, yaze inkxaso-mali yokulixuma yanikezelwa yiUnited States Agency for International Development (iUSAID).



Izikolo ezithatha inxaxhela kwiprojekthi yeStory Powered Schools zizimisele ukuvuselela oko abafundi banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Zisebenzisa amandla amabali ukukhuthaza abafundi ukuba bafune ukufunda nokubhala.

basic education
Department: Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Read to Lead
A Reading Nation is a Leading Nation

USAID
LUPHUMA KULUNTU LWAMAMELIKA

Nal'ibali
Konke kuqala ngebali...